URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Christiaan Klopper
ICandelo loLawulo loVavanyo
Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili: 19/2/P
Isalathiso: 20230118-431

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Imilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ye-*School-Based Assessments* neyeemviwo (amaBakala R-12)

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*) likhuphe iSetyhula S33, yomhla wama-29 Disemba 2022, epapasha iziCwangciso zokuFundisa zaQho ngoNyaka *(Annual Teaching Plans*) zowama-2023/24 nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ye-*School-Based Assessments* (*SBA*) neyeemviwo neemfuno ezimiselweyo emaziphunyezwe ngonyaka wokufunda wama-2023.

2. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa izikolo ngokukhutshwa kwemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ye-*SBA* neyeemviwo neemfuno ezimiselweyo emaziphunyezwe ngonyaka wokufunda wama-2023.

3. Le ngaciso imfutshane yenzelwe ukufakela izilungiso kwiNgcaciso eMfutshane yoLawulo lweKharityhulam noVavanyo 0001/2022, yomhla wama-26 Apreli 2022, enxulumene neemfuno ezimiselweyo zemilinganiselo yamanqaku e-*SBA* kuzo zonke izifundo namabakala.

4. Iprogram yovavanyo icacisa imisebenzi, iimvavanyo, iimviwo, imisebenzi yovavanyo lweprakthikhali (izifundo ezenziwa ngeprakthikhali) (*practical subjects*) nemisebenzi ye-orali (yeeLwimi), engqamene nesifundo nebakala ngalinye ukwenzela unyaka.

5. Imilinganiselo yamanqaku e-*SBA* neyeemviwo ifakelwe izilungiso ngolu hlobo lulandelayo:

ISIGABA	**IMILINGANISELO YAMANQAKU EHLAZIYIWEYO YE-*SBA* NGOWAMA-2023**
IsiGaba esiSiseko (amaBakala R-3)	Umlinganiselo we-*SBA* ngu-100%
IsiGaba esiPhakathi (amaBakala 4-6)	Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-80%: oweemviwo ngu-20%
IsiGaba esiPhakamileyo (amaBakala 7-9)	Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-60%: oweemviwo ngu-40%
AmaBakala 10-11	Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-40%: oweemviwo ngu-60%
IBakala 12	Umlinganiselo wamanqaku e-*SBA* ngu-25%: oweemviwo ngu-75%

6. Makuthathelwe ingqalelo utshintsho kumlinganiselo wobungakanani (*ratio)* bamanqaku e-*SBA* naweemviwo kwisiGaba esiPhakamileyo.

7. Ezi zilungiso zilandelayo zifakelwe kwiprogram yovavanyo lwaphakathi enyakeni nakwiimviwo zokuphela konyaka, oko kukuthi:

7.1 Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni:
   a. KwiBakala12: Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/ zangoJuni;
   b. KumaBakala10-11: Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/ zangoJuni; kunye
   c. NakumaBakala 4-9: Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kuphela.

7.2 Kwiimviwo zokuphela konyaka:
   a. KwiBakala 12: Kuviwo olupheleleyo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke;
   b. KumaBakala 7-11: Kwiimviwo ezipheleleyo kwizifundo zonke; kunye
   c. NakumaBakala 4 – 6: kwiimviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kuzo zonke izifundo.

8. Imilinganiselo yamanqaku e-*SBA* neyeemviwo neemfuno ezimiselweyo zeprogram yovavanyo efakelwe izilungiso ekhankanywe ngasentla, **eqala ukusebenza ukususela ngoJanuwari 2023, iya kuhlala isebenza de itshitshiswe.**

9. Iiprogram zokurekhoda amanqaku nezokwenza iiripoti ezihlaziyiweyo ze-*GET* zangowama-2023 neerekhodishithi zezifundo ze-*FET* zowama-2023 ziya kufumaneka kwi-*CEMIS* ekuqaleni kukaMatshi 2023.

10. Izicwangciso zokufundisa zaqho ngonyaka zifumaneka kwiziko lewebhu leSebe i-*DBE*: https://www.education.gov.za/Curriculum/NationalCurriculumStatementsGradesR-12/2023ATPs.aspx.

11. Kucelwa amagosa ezithili zemfundo neenqununu ukuba bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala, abazali/abagcini babafundi nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-01-23